UKONGA AMANZI YINDLELA YOKUPHILA

CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

EZAMANZI NOCOCEKO

ITSHATHA ELUNGISELELWE ABAXHASI BENKONZO

UMBONO

Ukuba sibengumzekelo ophambili e-Afrika ekuboneleleni ngeenkonzo zamanzi nococeko

INJONGO

Ukuphumeza umbono wethu ngokuseka iziko lomsebenzi ogqibeleleyo kwiSebe lezaManzi noCoceko ngokuthi:

Ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kwemithombo
Imisebenzi ezinzileyo kokusingqongileyo
Uphuculo nolawulo lolwazi oluqhubekayo
Ulawulo olululo
Ukwaneliseka kwabathengi nonxibelelwano olufanelekileyo nabo bachaphazelekayo

SIBHAMBATHISA OKUKULANDELAYO KUBASEBENZISI NKONZO:

- Ukuqinisekisa ukufumaneka nokuthembeka kwemithombo yamanzi
- Ukuqinisekisa ukwaneliseka kwabathengi kunye nokudala unxulumano olusebenzayo nabo bonke abachaphazelekayo
- Ukuxhasa ulwazi loluntu nokunikezelwa ulwazi malunga nemicimbi yezamanzi nococeko
- Ukumisela umrhumo ongowobulungisa, ofikelelekayo ukuqinisekisa ukuba bonke abahlali, ku qukwa namakhaya abahluphekileyo, ayawafumana amanzi asisiseko nococeko
- Ukuqinisekisa iindlela ezingcono zolawulo kubonelelo ngeenkonzo zamanzi nococeko
- Ukuzimisela ukunikezela ngamanzi asulungekileyo athi ngalo lonke ixesha angqinelane neMigan gatho yeSizwe eMzantsi Afrika engu-241
- Ukubonelela ngeelitha ezingama-6 000 zasimahla rhoqo ngenyanga kwikhaya ngalinye elibonelelwa ngamanzi, njengoko kumiselweyo kumgaqo-nkqubo wemirhumo
- Ukubonelela ngeelitha ezili-4 200 zogutyulo lwasimahla rhoqo ngenyanga kwikhaya ngalinye elibonelelwa ngenkonzo yogutyulo njengoko kumiselweyo kumgaqo-nkqubo wemirhumo
- Ukusombulula izikhalazo zokonakala kwisithumba seeyure ezingama-24
- Ukucutha impembelelo kokusingqongileyo ngokuqinisekisa ukumiselwa kwenkqubo efanelekileyo yokulahlwa kwamanzi amdaka
- Ukuxhasa ukusetyenziswa kweminye imithombo yamanzi kwimisebenzi yonkcenkceshelo neyemizi-mveliso

UXANDUVA KUBASEBENZISI NKONZO/OKULI NDELIKILEYO

Ukuthobela imithetho, imimiselo kamasipala, imithetho kamasipala kunye nezibhengezo zoku valwa kwamanzi
Ukuba basebenzise ngolondolozo lwamanzi yaye bathathe umsebenzi wokongiwa kwamanzi njengendlela yokuphila
Ukungagungxuli zinto ezingafanelekanga, i-oli endala nempahla kwimijelo yogutyulo lwamanzi esitshi
Ukungagaleli amanzi emvula okanye amanzi aqengqelekayo kwimijelo yamanzi
Ukuzihlawulela iinkonzo ezingaphezu kwesabelo sasimahla
Ukuxela abo bophula imithetho kamasipala, ukuvaleka, ukugqabhuka kwemibhobho emikhulu yamanzi, ukulahleka kweziqgumathelo zemingxuma yemisele yamanzi, imibhobho evuzayo okanye utshintsho kwincasa yamanzi
Ukuqinisekisa ukuba imitha yamanzi nomda onomsele wamanzi kwiipropati zabo zisoloko zingeneka lula ngamagosa eBhunga

ISebe lezaManzi noCoceko limisela inkqubo yolawulo lwentsulungeko yamanzi ngenjongo yokuxhasa lo mqulu wamalungelo kunye nokusoloko liphucula ubonelelo ngeenkonzo kubathengi. Le nkqubo iza kungqinelana nemigangatho yolawulo lwamanzi yehlabathi engu-ISO 9001.

Ukuqhagamshelana neziko lethu loncedo leeyure ezingama-24, tsalela kwa- 0860 103 089, okanye uthumele umyalezo nge-SMS kwa-31373 (ubuninzi oonobumba abali-160), okanye i-imeyile kule dilesi waterTOC@capetown.gov.za

AMANZI ETHU, IGUGU LETHU